UThixo Okuthiyileyo Okungekho Sikweni

Imiyalelo: Funda ezi ndinyana zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho. Vakalelwa ngendlela abavakalelwa ngayo abantu abalapho.

Abalinganiswa abaphambili: NguAhabhi, uIzebhele, uNabhoti noEliya

Into eyenzeka kweli bali: Ephenjelelwa nguIzebhele, uKumkani uAhabhi ubulala umntu ukuze afumane isidiliya.

❶ *HLALUTYA EZI ZIGANEKO.—FUNDA EYO-1 YOOKUMKANI 21:1-26.*

Ucinga ukuba bakhangeleka njani abalinganiswa abakule ngxelo?

UAhabhi_____

UIzebhele_____

UNabhoti_____

UEliya_____

Linjani ilizwi likaIzebhele noAhabhi kuvesi 5-7?_____

_____

Chaza umbhodamo oqhubeka kwivesi 13,_____

_____

Ucinga ukuba wayevakalelwa njani uEliya noAhabhi njengoko kuchazwe kwivesi 20-26?_____

_____

❷ *PHANDA.*

Ziziphi iimpawu eziboniswa nguIzebhele kuvesi 7 naku 25?_____

Ziziphi iimpawu eziboniswa nguAhabhi kuvesi 4?_____

Ngubani omnye ekwafuneka ambulale uAhabhi ukuze afumane isidiliya sikaNabhoti? (Funda 2 Kumkani 9:24-26)_____

Wayengumntu onjani uAhabhi emehlweni kaYehova? (*Phinda ufunde uvesi 25 ne-26.* Funda neyoku-1 yooKumkani 16:30-33.)_____

_____

3 *ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO. ZIBHALE PHANTSI IZINTO OZIFUNDILEYO . . .*

Ukuzibona kukaYehova izenzo ezingekho sikweni.

_____

_____

Ukuxhalabela kukaYehova abo baye baphathwa ngokungekho sikweni. _____

_____

Ubonisa njani uYehova ukuba “unguThixo wokusesikweni.” (Funda iDuteronomi 32:4.)

_____

_____

4 *EZINYE IINDLELA ONOKUZISEBENZISA NGAZO EZI NGXELO.*

Banokuwubonisa njani abanye abantu namhlanje umoya ofana nokaIzebhele? (Funda iSityhilelo 2:18-21.) _____

_____

Ziziphi iimeko ezinokufuna ubonise inkalipho efana nekaEliya? _____

_____

Yintoni onokuqiniseka ngayo xa uphathwa ngokungekho sikweni? _____

_____

5 *YINTONI OYITHANDILEYO KWELI BALI YAYE KUTHENI UYITHANDA NJE?*

_____

_____

Amacebiso: Eli bali lijike libe ziindaba. Chaza isiganeko, uze ube nombono udlan’ indlebe nabalinganiswa abaphambili namangqina okuzibonela.



www.jw.org © 2012 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania